BU African Studies Center LANGUAGE PROGRAM, 232 BAY STATE ROAD, BOSTON, MA 02215 www.bu.edu/Africa/alp africa@bu.edu 617.353.3673

## Proverb 7: *Isisu Somhambi Asingakanani Singaphambili Ngemva Ngumhlonzo*

| | |
|---|---|
| **Mfusi** (unyana): | Yho! Oledi Akukho nento etyiwayo. Oko sifikile khange sitye tu. |
| **Mandisa** (intombi): | Andilambe! Andilambe! |
| **Mamzima** (umama): | Yho! Bantwana bam Ndilibele into yokuba kanene niyafika. |
| **Mandisa:** | Yho hayi ke ndingatya nokuba yilo nja nam mama. Yhu! andilambe. |
| **Linda:** | I'nto ezibhacis'abantu zinto ezinje, ufike umntu ebhacile kowabo, eshiy'ikhaya, zinto ezinje. |
| **Mamzima:** | Hayi bantwana bam, yini Bawo wam khawuthi ndizame. Mandizame ndikhangele ukuba andinakufumana nto na. |
| **Linda** (intombi): | Koomasichophisane ngekukudala unikwe into yokutya ngoku. |
| **Nomfusi:** | Kunini? Yhu! Isikolo. Bendingamamelanga tu eskolweni. Ndilambe! Ndilambe! |
| **Sipho:** | Yho! Niyathetha maan yintoni nithetha kangaka maan. |
| **Mandisa:** | Siza kuthini ukungathethi silambile? |
| **Sipho:** | Ndilambile mna kuqala. Aniyazi ukuba umntu xa elambile uvel'athule avale lent'... |
| **Mfusi:** | Ndizawulamba worse qha. Yho! Ndizawulamba worse. Yho! |
| **Sipho:** | Yho! Hayi, ha-a, yintoni, yho, umama hayi, hayi, hayi! |

**Linda:** (*ejonge etivini*) Ingaske ibe ndim lo uhlinzwa phaya. Mhlawumbi ebeza kugcwale amathumbu.

**Sipho:** Ulamb'ulamb'imini yonke kanti uza'fika uhlale nje endlini ungatyi.Yho!

**Mandisa:** Yho! ndide ndanesiyezi kulamba.

**Linda:** Koomasichophisane ngewenzelwe into yotya. Ngekuququzelwe

ngoku. Ngowuright ngoku.

**Mfusi:** Uyigqibile imorvite ukuba bekukho imorvite ngendikhabe ndibambisa ngemorvite.

**Mandisa:** Akho naloo morvite

**Sipho:** Igqitywe ngubani?

**Sipho:** Igqitywe nguwe Ewe izolo elinye ityiwe nguwe umntu wokugqibela ukutya imorvite.

**Nomfusi:** Hee! siza kuxoxa ngemorvite ke ngoku?

**Sipho:** Ewe.

**Mamzima:** (*Unika abantwana bakhe ukutya*) Khanibambe bantwana bam Owu! bethuna bambani bantwana bam.

**Mfusi:** Yho! Enkosi mama.Yho! Tyhin! Yho! Intoz'okqala. Yho! kutya abadala. Hayi! Hayi! Khazbambe khazbambe.

**Mandisa:** Yho! Kutheni kuqalwa ngabantwana nje? Hee mama kutheni uqala kubantwana?

**Mfusi:** Khazbambe khazbambe.

| | |
|---|---|
| **Mamzima:** | Khanibambe bantwana bam.  Owu! |
| **Vuyo:** | Yho uyapheka unozala! Yho! Uyapheka unozala. Yho ayizutya lee |
| **Mandisa:** | Awuzow'tya. |
| **Mandisa:** | Yho! Kunini ndilambile Bras? Yho! |
| **Mfusi** | Yho! Utya nyhani  Utya nyhani. |
| **Nomfusi :** | Uyandazi mtaks! |
| **Sipho:** | Akuthethwa xa kutyiwa Bayeke. |
| **Mfusi:** | Wenzani wena ngoku, wenzani? Wenzani ngoku? |
| **Sipho:** | Khathule mfowethu. Uzawubindwa kuthetha. |
| **Siphokazi:** | Hey! Khanithule nityeni bafondini! Hey! Niyangxola kodwa niyatya! |
| **Linda:** | Akuz'ukwehla oku kutya. |

(*UMamzima wongeza ukutya kwiipleyiti zabantwana bakhe*. *Bayancokola kodwa abavakali kakuhle.* (*inaudible conversation*)

| | |
|---|---|
| **Sipho:** | Uyabona ke o'lady, yho! Nozala! Yes! Yho, uNozala! Uyambona ke umama? |
| **Mfusi:** | Iyafekethiswa le ntwana aph'endlini. |
| **Siphokazi:** | Elo xesha ke mdala, mdala! |
| **Mfusi:** | Inofekethiso le nto yalaph'endlini. |
| **Sipho:** | Kaloku ndim, aniyaz'ukuba ndim inkulu yalapha endlini! |

**Mfusi:** Inkulu yantoni?

**Sipho:** Aniyazi loo nto leyo? Ey nina kanjani!

**Mfusi:** Inkulu yantoni?

**Sipho:** Eyi! Niyashiyeka nina maan.

**Siphokazi:** Hee! Ndiyayazi nenkulu.

**Mfusi:** Uyinkulu etreyinjini sani; inkulu etreyinjini!

**Sipho:** Namane nithatha qho.

**Mfusi:** Yho! Hayi mna isonka ndisishiy'eskolweni. Ndawuba *right* apha.

(*Kuyankqonkqozwa emnyango*)

**Linda:** Ingathi kukho umntu onkqonkqozayo.

**Mamzima:** Ngaphakathi!

**Linda:** Yhu! Ngabantu abatheni aba? ( *Kuyaphinda kuyankqonkqozwa* )

**Mamzima:** Ngaphakathi.

**Vuyo:** (*Akonwabanga kwaphela kukufika kondwendwe*) Yho! Ngubani? loo… (*utsho egusha ukutya kwakhe*)

**Mfusi:** Yho!

**Krila:** Molweni

**Mamzima:** Molo molo ndoda

**Krila** (Undwendwe): Kunjani mama?

**Mamzima:** Siyaphila ndoda, enkosi sigcinakele. Unjani wena ndoda?

**Krila:** Hayi nathi iNkosi isasigcinile.

**Umamzima:** Sowuchopha apha, sowuchopha apha.

**Krila:** Hayi bendize kucela nje amanzi.

**Mamzima:** O sowuchopha mntan'am ndizaske ndikuphathele amanzi. Owu bethuna! Yhini umntan'am!

**Siphokazi:** Amanzi?.... hayi unobubele

**Krila:** Mfethu uyakhumbula ngalaa mini ndandikukhabela ibhola pha? Ndandikudlalis'ibhola mfethu. Ndandikupixis'iPlay Station yam. (*uzama ukuncokola nabantwana*)

**Linda:** Ibhola yantoni? Ibhola yantoni?

**Mamzima:** (*Uyangena uMamZima uphathele uKrila ukutya. Wongeza ngokuthi akhe nakwezabantwana iipleyiti.*)

Sowubamba ke ndoda. Utye kak'hle mntanam.

**Linda:** Ngamanzi la? Ayingomanzi la! Ayingomanzi la!

**Mamzima:** Mntan'am sendicela wethu awunakumnik'apha kuwe wethu ukuba umcuntsulele nje intwan' encinci?

**Krila:** Ndiyakucela mfo!

**Sipho:** Yho, haaayi, Oledi! (*unika umama wakhe ukutya bukhalala*) Ina! (*Utsho engamjonganga nokumjonga*)

**Mamzima:** Owu yini mntanam! Yhini, sana lam! Owu yhini mntan'am!

**Nomfusi:** Ebefune amanzi apha.

**Mamzima:** Bethunana, umon'awakhi bantwana bam. Awakh'umona!

**Krila:** Wena ayinguwe lo ubugqitha phaya ekhaya ekuseni..?

**Mandisa:** Akuthethwa loo nto ngoku.

**Mamzima:** Umona awakhi.

**Mandisa:** Yini! Ndibanjwe ngamaqiniso mfondini!

**Linda:** Uyithethela ntoni loo nto leyo? Umam'uza kuyithini loo nto leyo?

**Mandisa:** Xela amaqiniso!

**Linda:** Yho! Hayi, sekuncede ukuba ungeyotshomi yam.

**Mamzima:** Bantwana bam, noze nihambe nihambe niy'emizini nani, nifike nilambile. Umnt'akamkelwa…iindwendwe ziyamkelwa. Zamkelen'iindwendwe xa zifikile.

**Mfusi:** Ebethe ufuna imvotho umjita, ayiyomvotho le. Ndiyaqala ukubon'imvotho enjena mna.

**Mandisa:** Ndiyaqal'uyibona nam, sani.

**Mamzima:** Kaloku bantwana bam kukumamkela njengondwendw'aph'ekhaya.

Yhini bantwana bam le nto ninomona kangaka! Umon'awakhi bantwana bam. Awakh'umona. Ayilungang'intoba nomona.

**Krila:** Ndiyabulela mama. Ndigqibil'ukutya.

(*Bayandumzela bekhalaza bonke.*)

**Sipho:** Ndiqumbile mna qha. Ndizawuphinda ndilambe mna ebusuku, ndizawuphinda ndilambe ebusuku.

**Mamzima:** Hayi, yini mntanam, yini! Yini!

**Mandisa:** Hayi kodwa mama, yho!

**Krila:** Ndiyabulela. Nangamso mama. Ndiza kuza ngomso.

**Mamzima:** Ewe mntan'am. Enkosi ndoda uhambe kakuhle!

**Krila:** Ndiyabulela mama.

**Mamzima:** Uhambe kakuhle. Owu uhambe kakuhle mntan'am! Nangeny'imini uz'ubuye ndoda.

**Krila:** Ndizawubuya nangomso

**Mamzima:** Uze nangeny'mini, nob'unowz'uzolala aph'ekhaya mntanam, wamkelekile.

**Mandisa:** Yhu! Azowulala?

**Krila:** Ndizawuza ngomso.

(*Ebhekisa kubantwana bakhe*)

**Mamzima:** Bantwana bam. Ayilunganga into yokuba nomona. Incinci nale nto ityiwe ngulo mntu, bantwana bam.

**Sipho:** Incinci? Ngoku ubumthathel'ekutyeni kwam!

**Mamzima:** O! Yhini mntan'am! Yhini ukuba nomona ngokutya! Into ebolayo! Iyabola le nto yakungen'esiswini. Ibole!

Ngoba bantwana bam sith'isiXhosa: "Isisu somhambi asingakanani singaphambili ngemva ngumhlonzo."